

# nobuGcisa bokuYila kwiNkcubeko kundoqo wophuhliso oluzinzileyo

Namhlanje, amashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila enza ingeniso yonyaka yehlabathi ezizigidi zezigidi ezi-US$2,250 kunye nokuthunyelwa ngaphandle
oku-US$250 sezigidi zezigidi. La macandelo, okwangoku anika phantse ama-30 ezigidi zemisebenzi kwihlabathi jikelele kwaye aqesha abantu abaninzi ababudala
buli-15 ukuya kuma-29 kunalo naliphi na elinye icandelo, anokwenza nokuya kuma kwi-10% ye-GDP kumazwe athile. Uqoqosho lokuyila, olwenziwe ngala macandelo, ibe ngundoqo weziceangciso zorhwebo kumazwe aphuhlileyo kunye naphuhlayo ngokufanayo. Phantse isiqingatha sabantu abasebenza kula macandelo ngabasetyhini kwaye uninzi lufumene inqanaba lemfundo eliphezulu kunakwimisebenzi engeyiyo eyenkcubeko.

Amagcisa kunye nokunye okutsha kubugcisa bokuyila, kucela umngeni kwizithethe, kuyavuselela kwaye kuyonwabisa. Umsebenzi wabo uveza amandla asekuhlaleni, ukuzithemba kuney nokuzibandakanya okunokuphucula ubomi bemihla ngemihla babantu abaninzi. Izinto zabo ezintsha kunye nobugcisa bokuyila buqhuba iinkqubo zophuhliso ezinokwandisa ukhetho lwabantu kwaye lubakhuthaze ukuba bacinga ngekamva elilelinye. Ke ngoko, anegalelo ekukhuthazweni kweenqobo ezisemgangathwnei zehlabathi zoxolo, idemokrasi, amalungelo oluntu, iinkululeko ezingundoqo, ulingano ngokwesini kunye nendima yomthetho.

Kula mashumi eminyaka mabini adlulileyo, amashishini enkcubeko kunye nawobugcisa bokuyila atshintshe ngokubonakalayo. Oku kunjalo ingakumbi kumazwe asaphuhlayo, apho kukho ukuthembela kakhulu kwiinkqubo zenkcubekho ezingekho sikweni, iinkqubo kunye namaziko anokuba namagcisa amaninzi kunye namagcisa enkcubeko angaphaya kofikelelo kumathuba olawulo, immiselo nawotyalo-mali. Ngexa amaqonga edijithali evule amathuba amaninzi amatsha kuyilo kunye nakwabo balulandelayo, kukho kananjalo ukunyuka kugxininiso lwemarike kumaqonga amakhulu kunye nengqiqo eyenziweyo. Uphuihliso olunjalo lucela umngeni kulawulo lwezizwe kunye nokukwazi kwazo ukuyila nokuphumeza imigaqo-nkqubo yoluntu ukukhuthaza amashishini alo enkcubeko kunye nawobnugcisa bokuyila.

Imibuzo emitsha ioye yavela malunga nemivuzo efanelekileyo kubayili kwimo engqonge idijithali kunye nesithuba esizingileyo sentlawulo phakathi kwamadoda kunye nabasetyhini kwihlabathi.

**20%**


abantu abaqeshiweyo ababudala buli-15 ukuya kuma-29 baphangela kumashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila



Abasetyhini babambana

**45%**

kwimisebenzi yenkcubeko kwihlabathi jikelele




**Uluntu lwehlabathi jikelele lwamkela umthetho wehlabathi ngo-2005 njengenkqubo-sikhokelo yesicwangciso sokulungisa le mingeni. IMvumelwano ye-UNESCO ngoKhuselo kunye nokuKhuthazwa kweMiba yeNkcubeko ngoku ilungisiwe luninzi loorhulumente kwihlabathi. Imisela ilungelo lokwamkela imigaqo-nkqubo kunye namanyathelo okuxhsa ukuvela kwamashishini atshintshayo nawomeleleyo enkcubeko kunye nawobugcisa bokuyila. Ibonelela ngesicwangciso sokuthatha amanyathelo aqinisekisa amagcisa, abaseebzni kwezenkcubeko kunye nabasebenzi bobugcisa bokuyila, ngokunjalo nabo bonke abemi, abanamandla okuyila, ukuvelisa, ukusasaza kunye nokonwabela uluhlu olubanzi lwempahla, iinkonzio nemisebenzi yenkcubeko, kuquka neyabo.**

## AMASHISHINI ENKCUBEKO KUNYE NAWOBUGCISA BOKUYILA APHAMBILI

Amashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila arhuma izigidi zezigidi

**US$2,250** eziqikelelwa kumawi

kwi-GDP yehlabathi nyaka ngamnye



Amashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila aqesha okuqikelelwa

**30** kwisigidi sabantu kwihlabathi jikelele

***IMvumelwano ibonelela ngenkqubo-sikhokelo yesicwangciso kunye noyilo lokuthathwa kwamanyathelo olufuna abo basebenza koorhulumente kunye nabo bangasebenzi koorhulumente ukuba basebenze kunye ukuphumeza iinjongo ezine:***

**Injongo yoku-1** UKUXHASA IINKQUBO EZIZINZILEYO ZOLAWULO ZENKCUBEKO

**Injongo yoku-2** UKUPHUMEZA UKUHAMBA OKUZINZILEYO KWEMPAHLA KUNYE NEENKONZO KUNYE NOKUNYUSA UKUHAMBA KWAMAGCISA KUNYE NAMAGCISA ENKCUBEKO

**Injongo yoku-3** UKUHLANGANISA INKCUBEKO KWIINKQUBO-ZIKHOKELO ZOPHUHLISO EZIZINZILEYO

**Injongo yoku-4** UKUKHUTHAZA AMALUNGELO OLUNTU KUNYE NEENKULULEKO EZINGUNDOQO



# Inkcubeko yala maxesha evula ihlabathi lamathuba obugcisa bokuyila

## 10 Izinto ezili-10 ekufuneka uzazi malunga neMvumelwano ka-2005

### 1. Imigaqo-nkqubo yenkcubeko lilungelo lolawulo

IMvumelwano sisixhobo somthetho sehlabathi sokuqonda ilungelo lolawulo loorhulumente ekubeni bamkele imigaqo-nkqubo yenkcubeko kunye nokuphumeza amanyathelo okukhuthaza iyantlukwano yemiba yenkcubeko, oko kusenziwa ngeentlobo ezahlukeneyo zamangenelo omthetho, olawulo, eziko nawezimali.

### 2. Iyantlukwano kubacholi beendaba ixhasa iyantlukwano kwimiba yenkcubeko

Ukuqinisekisa iyantlukwano kucholo lweendaba kubalulekile ekukhuthazeni imiba yenkcubeko eyahlukeneyo. IMvumelwano ikhuthaza oorhulumente ukuba baxhase abacholi beendaba benkonzo karhulumente kunye nokwamkela amanyathelo aqinisekisa amaziko okuchola iindaba awohlukeneyo, ukuxhasa ukuveliswa kolwazi namava awohlukeneyo kuney nokuqinisekisa inkululeko yokuhlela epheleleyo kunye nenkululeko yabacholi beendaba.

### 3. Utyalo kubugcisa bokuyila bedijithali ngundoqo

IMvumelwano ibeka imingeni yedijithali ngokumema ukuphunyezwa kwemigaqo-nkqubo kunye namanyathelo axhasa ubugcisa bokuyila kunye nokutsha okuvelisweyo kwidijithali, okomeleza ulwazi lokufunda nokubhala ngedijithali kunye nezakhono zobugcisa, ngokunjalo nokuhlonipha inkululeko yobugcisa yemo engqonge idijithali.

### 4. Ulawulo oluzinzileyo kwinkcubeko lolokuthabatha inxaxheba

IMvumelwano ifuna ukuzibandakanya okusebenzayo kweyantlukwano yamazwi ekwenziweni komgaqo-nkqubo, uyilo nokuphunyezwa komgaqo-nkqubo. Ukubandakanyeka koluntu ekuhlaleni namasebe karhulumente kunye namasebe anoxanduva lwenkcubeko ngokunjalo nemfundo, imicimbi yasekuhlaleni, ingqesho norhwebo ziyafuneka ukuhlangabezana neemfuno zabo bonke ekusetyenziswana nabo abasebenza kwimarike eguquka ngokukhawuleza.

### 5. Intsebenziswana ewela ngaphaya kwezizwe ifuna ukuhamba okungenazithintelo

Amaqela kwiMvumelwano kufuneka ukuba avelise iindlela zomthetho nezeziko ukuququzelela ukuhamba kwamagcisa kunye namagcisa enkcubeko. Imema amanyathelo okukhawulela imiqobo kwintsebenziswano yenkcubeko ewela ngaphaya kwezizwe, kuquka iinkqubo ezenziwe lula ze- visa, iziuvumelwano zokuvelisa kunye, iindawo zokuhlala zamagcisa, inkxaso zokuhamba kunye namathuba okuthumela ngaphandle anyusiweyo.

### 6. Impahla, iinkonzo kunye nemisebenzi yenkcubeko inokuzuza ekuphathweni ngokukhethekileyo kwizivumelwano zorhwebo

IMvumelwano inakana uhlobo olucacileyo lwempahla kunye neenkonzo kwaye izivumela ukuba zinyenyiswe kwimithetho jikelele yorhwebo. Ngokusemthethweni inokusetyenziswa xa kuthetha-thethwana ngezivumelwano zorhwebo kunye nezicwangciso zotyalo-mali ezivumela oorhulumente ukuba bamkele imigaqo-nkqubo yesizwe kuney namanyathelo asa phambili isikhundla senkcubeko kumazwe abo.

### 7. Utyalo-mali kubugcisa bokuyila ngundoqo kuphuhliso oluzinzileyo

IMvumelwano ichonge utyalo-mali kubugcisa bokuyila njengondoqo kuphuhliso. Oorhulumente kuwo onke amazwe baza kuhlanganisa ubugcisa bokuyila kwizicwangciso zabo zophuhliso zesizwe. Kwinqanaba lehlabathi, amazwe kufuneka anike uncedo lwezimali kubugcisa bokuyila oko ekwenza ngoNcedo lophuhliso olusemThethweni (Official Development Assistance) (ODA) imirhumo, benze imirhumo kwiNgxowa-mali yeHlabathi yeyaNtlukwano kwiNkcubeko (International Fund for Cultural Diversity) (IFCD) kunye neenkqubo zoncedo kwinkxaso yobugcisa ukomeleza amandla abantu kunye nawamaziko kumazwe aphuhlayo.

### 8. Umrhumo wabasetyhini kubugcisa bokuyila kufuneka uqondwe

IMvumelwano ngeke iphunyezwe ngokufanelekileyo ngaphandle kokukhuthazwa okusebenzayo kolingano ngokwesini kuyo yonke imimandla yenkcubeko. Ukungamelwa ngokwaneleyo kwabasetyhini kwiindima ezingundoqo zobugcisa bokuyila kunye nakwizikhundla zokwenza izigqibo kunye nezithuba ezibonakalayo kwimivuzo kunye nofikelelo kwinkxaso kufuneka kulungiswe. IMvumelwano ifuna ukufakwa kwakhona kombono wesini kuyo yonke imigaqo-nkqubo yenkcubeko kunye nakumanyathelo.

### 9. Inkululeko yobugcisa yinto efunekayo kubugcisa bokuyila

Unyino kwinkululeko yonbugcisa bokuyila kunye nofikelelo kwiyantlukwano yemiba yobugcisa kwenza ilahleko engundoqo yenkcubeko, yasekuhlaleni neyoqoqosho. Ithintela amagcisa namagcisa enkcubeko iindlela zabo zokuzivakalisa, kwaye idala imo engqongileyo engakhuselekanga kwabo bajonge kubo. IMvumelwano iqonda ukuba iyantlukwano yemiba yenkcubeko inokukhuthazwa kuphela ukuba amalungelo oluntu kunye neenkululeko ezingundoqo ziqinisekisiwe.

### 10. Imigaqo-nkqubo yenkcubeko ilungiswe kwakhona bubungqina kunye nobuchule obuluqilima

Ukwabelana ngolwazi kunye nokungafihli kusahleli kukundoqo weMvumelwano. Ekulungisweni, amazwe azibophelela ekunikeni ingxelo ngemigaqo-nkqubo kunye namanyathelo awamkeleyo ukuphumeza iMvumelwano. Ezi ngxelo zamathuba athile zingensiwa qho kwiminyaka emine kwaye zilungiswa nabantu ekuhlaleni. Ngokusekelwe kakhulu kwezi ngxelo, i-UNESCO ipapasha uluhlu lweNgxelo yeHlabathi, esihloko sithi ukuLingiswa kwaKhona kwemiGaqo-nkqubo yeNkcubeko (Re|Shaping Cultural Policies), echonga izenzo ezilungileyo kwaye ekhuthaza ukufunda noontanga kunye nokudluliswa kolwazi.

**Yintoni amashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila?**

*IMvumelwano ichaza amashishini enkcubeko kunye nawobugcisa bokuyila njengalawo avelisa kwaye asasaza impahla, iinkonzo okanye imisebenzi yenkcubeko equlethe inkcubeko edlulisa izimvo, imiqondiso kunye neendlela zobomi, kungakhathaliseki lxabiso lorhwebo ezinokuba zinalo. Oku kusebenza kwimiba yobugcisa ekunxityelelwana ngayo ngamagama (uncwadi), isandi (umculo, unomathotholo), imifanekiso (iifoto, i-TV, iibhanyabhanya), intshukumo (umdaniso, imidlalo yeqonga) okanye izinto (umkrolo, umzobo, uyilo) kunye ngalo naluphi na uhlobo (oluphilayo, ushicilelo, olumanyelwayo lubonwe, idijithali). Amacandelo asixhenxe anganeno afanelekele uncedo lwezimali oko kusenziwa ngeNgxowa-mali yeHlabathi yeMvumelwano kwiyaNtlukwano yeNkcubeko: okuvakalayo okumanyelwayo/ibhanyabhanya, ubugcisa obubonwayo, uyilo, ubugcisa bokucholwa kweendaba, umculo, ubugcisa obenziwayo, kunye nopapasho.*



# Inkqubo yokongeza ixabiso: indlela engundoqo

IMvumelwano sisixhobo sokunyanzela ulwakheko lombutho oluneempembelelo ezingqalileyo kumabakala awohlukeneyo endlela yokongeza ixabiso kwinkcubeko kuquka uyilo, ukuveliswa, ukusasazwa, ukuhanjiswa kunye nokonwatyelwa kwempahla, iinkonzo kunye nemisebenzi yenkcubeko. Le modeli imisela ukuba, xa, phi kunye nokuba ungenelela njani kwishishini ukulomeleza, ukuqinisekisa uzinzo lwalo, kunye nokwazisa ukwenziwa komgaqo-nkqubo wexa elizayo.

## INKQUBO YOKONGEZA IXABISO ESEBENZAYO : ISHISHINI LEEBHANYABHANYA LE- COLOMBIA

**I-General Law on Culture (1997)**
INgxowa-mali yokuVeliswa kweBhanyabhanya imiselwa ukuxhasa ishishini leebhanyabhanya lesizwe

**Ubugcisa boyilo**

**I-Law on Cinema (2003)**
INgxowa-mali yoPhuhliso lweBhanyabhanya ukuxhasa ukuveliswa kwebhanyabhanya. Amaqithiqithi ezimali ukukhuthaza ukusasazwa kwebhanyabhanya. Ukwehliswa kwerhafu kutyalo-mali lwebhanyabhanya

**Ukuveliswa**

**I-Cash Rebate Law (2012)**
INgxowa-mali yeBhanyabhanya yase-Colombian ibonelela ngenkxaso yezimali yokufotwa kwebhanyabhanya zehlabathi e-Colombia kunye nokuqeshwa kweenkonzo zeebhanyabhanya zasekhaya

**Ulwabiwo**

**Retina Latina (2017)**
Iqonga ledijithali ukonyusa ufikelelo kwibhanyabhanya ezisimahla xa zifunwa ze-Latin American

**Ufikelelo**

**Isiphumo**

Ukonyuka ekuveliswení kweebhanya-bhanya ukusuka kwisi- **5** ngo 2003 ukuya kwi **41** ngo 2016

**US$10.1** yezigidi ekwenziwe ngayo utyalo-mali yiNgxowa-mali yeBhanyabhanya

Uphuhliso ngo-2017

Koketšo ya dikamogelo go tloga go **2.3** **yezigidi** **ngo-2007 ukuya** **4.7** yezigidi ngo 2016



# Ukuba phambili kwiminyaka yedijithali

Amashishishini enkcubeko kunye nawobugcisa bokuyila ngoondoqo boqoqosho bobugcisa bokuyila bedijithali, erhuma izigidi zezigidi ezingama-US$200 kwiintengiso zedijithali zehlabathi. Imibuzo emitsha ifuna iimpendulo ezintsha:

*Singayenza ibe yeyala maxesha kanjani imigaqo-nkqubo yobugcisa bokuyila kwimo engqonge idijithali? Ngoku kufuneka sithathele ingqalelo i-e-commerce kwizivumelwano zenkcubeko kunye nezeorhwebo? Singababandakanya njani abadlali ndima bedijithali basekhaya kwaye sikhusele imivuzo efanelekileyo kumagcisa? Singaywulungisa njani umahluko kunye nokungalingani kwedijithali?*

Inkcubeko yedijithali iya idityaniswa ngokunyukayo, isekelwe kwezokucholwa kweendaba kwaye isebenza. Ubugcisa obutsha buvula ufikeleo kokuqulethwe yidijithali, busehlisa iindleko zokuvelisa, kusenyusa ukuvela kunye nokufaka iintlobo ezivelsia okutsha zenkxaso, kuvumela ukwandiswa kobugcisa bokuyila okungamandla.

## KUQOQOSHO OLUTSHA LOBUGCISA BOKUYILA BEDIJITHALI, UFIKELELO KWIDATHA NGUNDOQO

**80%**

I-YouTube inabasebenzisi abasisigidi sezigidi ezi-1, ngengqikelelo yama-800 ezigidi zabasebenzisi bomculo kwihlabathi jikelele

**59%**

Ukumamela umculo ngoku kwenza isininzi: ama-59% engeniso yedijithali

**7.2%**

Ingeniso ibuyiselwa kubayili boko kufakwa kwi-intanethi imele kuphela i-7.2% yoko kuhlawulwa abenzi behlabathi

**50%**


Ingeniso yedijithali yenza ubuncinane ama-50% esabelo sengeniso yeshishini lomculo orekhodiweyo

*"kwiminyaka elishumi, sisukile kwixesha lokunqongophala sisiya kwixesha lofikelelo ngobuninzi kwi-intanethi kwimpahla yenkcubeko. Ngokwamkela izikhokelo zokusebenza, i-UNESCO kunye namaZwe angamaLungu ayo bayavuma ukuba iyantlukwano kufuneka igcinwe kananjalo kwihlabathi ledijithali."*

*Ngu-Audrey Azoulay, uMlawuli-Jikelele we-UNESCO*



# UKUXHASA UBUGCISA BOKUYILA KWIXESHA LEDIJITHALI




Nakuba kunjalo, ukukhula kunye nokuxinana kwimarike kwamaqonga amakhulu, ukohlulwa kwedijithali kunye nolwazi ngokufunda kunye nokubhala kokucholwa kweendaba okungonelanga kwedijithali kunokwehlisa ufikeleLo okanye amathuba. Ukusetyenziswa ngaphandle kwemvume kwemathiriyeli enelungelo lomenzi kananjalo kusahleli kunyingxaki engundoqo. Njengokuvela kobukrelekrele obenziweyo, oko nakuba kulinganisa amashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila kuMzantsi okwihlabathi kwaye kuvala umahluko kwidijithali, kunokuveza kananjalo utshintsho olukhulu kwinkqubo yokongeza ixabiso kwaye oko kube nezithintelo kumalungelo amagcisa. Amaqela kwiMvumelwano akuqondile ukubaluleka kweajenda yedijithali ngokwamkela iziKhokelo zokuSebenza ekukhuthazeni iyantlukwano yenkcubeko kwimo engqonge idijithali. IziKhokelo zibonelela ngenkqubo-sikhokelo yesicwangciso sokuqonda, ukutolika kunye nokuphumeza iMvumelwano kwimo engqonge idijithali ukufumana imivuzo efanelekileyo nelinganayo kumagcisa kunye namagcisa enkcubeko.

## Ixesha lobuKrelekrele obeNziweyo

*Ukusebenzisa ukuvelisa okutsha oko kusenziwa ngobuKrelekrele obeNziweyo (Artificial intelligence)(AI) kwenziwa ngamagcisa, abenzi zinkqubo, iinjineli, oosomathematika, abayili bezakhiwo, abayili, abalinganisi ngeekhompyutha, njl. njl. Nakuba, icandelo likarhulumente linokuphulukana nearhente yalo kwicandelo lokuyila ukuba ngaba liyasilela ukulungisa ukonyuka kunye nokuzikisa ingqondo kwimarike kumaqonga amakhulu alawula idatha kwaye anoxhamlo-wedwa kubukrelekrele obenziweyo. Yimfuneko ukuqinisekisa ukuba oosomashishini benkcubeko banofikelo kuqeqesho, amathuba enkxaso, izakhiwo kunye nezixhobo eziyimfuneko ukuqinisekisa amathuba alinganayo kunye nokuphumeza imarike eneyantlukwano kwaye etshintshayo. Ukwenza ukuyila kwe-AI kusebenze kubo bonke kunokuba negalelo, ukuba kusetyenziswe ngokwaneleyo, ekuvaleni umahluko wedijithali kunye nokuqinisekisa uthabatho nxaxheba olusebenzayo kubomi benkcubeko.*



# Ukwenza ungqinelwano kwimarike yehlabathi

Kukho ukungangqinelani kurhwebo lwempahla kunye neenkonzo zenkcubeko kwihlabathi jikelele, kukho ngaphantsi kwama-30% okuthunyelwa ngaphandle kwempahla yenkcubeko okuvela kuamzwe aphuhlayo. Kukho ukungangqinelani kananjalo kwinqanaba lofikelelo kumagcisa kunye namagcisa enkcubeko ekufuneka baluyile okanye balwenze kumazwe bawakhethayo ngenxa yokonyuka konyino lokuhamba, ingalumbi amagcisa avela kumazwe asaphuhlayo.

*Ukufumana ufikelelo olulinganayo, ukungafihli kunye nokungqinelana ekuhambeni kwempahla kunye neenkonzo zenkcubeko kwaye ukuhamba kwamagcisa kungundoqo ekuphunyezweni kweMvumelwano. on. Ukuze kwenziwe oku, amazwe kufuneka enze kusebenze inkqubo-zikhokelo zomthetho ezikhethekileyo kunye nemimiselo enika 'ukuphathwa ngokukhethekileyo' kumagcisa kunye namagcisa enkcubeko kuMzantsi jikelele. Lo ngummandla lowo iMvumelwano isahleli ingekaphathwa.*

'Ukuphathwa ngokukhethekileyo', ibinza elisetyenziswa jikelele kumxholo wobudlelwane borhwebo, ngoku sisixhobo esivelisa okutsha kwintsebenziswano yenkcubeko kwinqanaba lehlabathi. Iziqendu zokuqala zokuphathwa ngokukhethekileyo eziqukiweyo kwizivumelwano zorhwebo zikhuthaze amazwe aphuhlileyo ukuba asebenzisa imirhumo esezantsi kwimpahla evela kumazwe aphuhlileyo. Namhlanje, ukuphathwa ngokukhethekileyo kubhekisele kwiintlobo ezahlukeneyo zoko kuluncedo okunikwa ngamazwe aphuhlileyo kwimpahla kunye neenkonzo zenkcubeko ezivela kumazwe aphuhlileyo. Ziquka ulungiselelo lokuphathwa kwisizwe' ukuwanika ufikelo kwinkxaso yeenkqubo zenkxaso ezigcinelwe jikelele impahla kunye neenkonzo zesizwe, okanye ukwenza ukuba imisebenzi yabo iqukwe 'kwi-national content quotas'.

Amazwe ayilungisileyo iMvumelwano azibandakanya kananjalo kumba omkhulu wonyino lwenkululeko yokuhamba phakathio kwamazwe aphuhlileyo kunye naphuhlayo ukuba ufikelelo olulinganayo kwiimarike zehlalabathi kufuneka luphunyezwe. Amanyathelo okuphathwa ngokukhethekileyo anokulungisa imiqobo yokuhamba, oko kusenziwa, umzekelo, ngee-visa ezikhethekileyo kumagcisa kunye namagcisa enkcubeko kunye nemali ehlawulwayo eyehlisiweyo.

### Yintoni ukuphathwa ngokukhethekileyo?

*Inqaku le-16 leMvumelwano lifuna ukuba amaQela avela kumazwe aphuhlileyo 'aququzelele utshintshiselwano ngenkcubeko namazwe aphuhlayo ngokunika, ngeziko elifanelekileyo kunye neenkqubo-zikhokelo ezisemthethweni, ukuphathwa okukhethekileyo kwamagcisa kunye namagcisa enkcubeko kunye nabasebenzi, ngokunjalo nempahla kunye neenkonzo zenkcubeko ezivela kumazwe asaphuhlayo'.*



# Ukususa imiqobo yolingano ngokwesini

Ngexa abasetyhini bemelwe ngamandla kwicandelo lokuyila kwaye ingabasebmnzisi abangundoqo bempahla kunye neenkonzo zenkcubeko kwiindawo ezininzi zehlabathi, basahleli bemelwe ngokulambathayo kwimisebenzi emininzi yenkcubeko kunye nakwizikhundla zokwenza izigqibo. Izithuba zengeniso kunye neemeko zamanyathelo okulumkela kwingqesho zisazingile.

Iindlela zokuhluza ulwazi zigcina ukungalingani ngokwesini kwimisebenzi kunye nakumashishini enkcubeko athile: idatha ibonisa ukuba abasetyhini kunokwenzeka ukuba basebenze kwimimandla efana nemfundo noqeqesho kwinkcubeko (60%), iincwadi noshicilelo (54%), kwaye besezantsi kwimimandla efana nokumanyelwayo kunye nokubonwayo kunye nocholo lweendaba udibana nabanye (26%), iinkonzo zoyilo nobugcisa bokuyila (33%).

IMvumelwano ifuna imigaqo-nkqubo namanyathelo axhasa abasetyhini abangamagcisa kunye nabavelisi bempahka kunye neenkonzoi zenkcubeko. Oku kubandakanya ukuqonda ilungelo labo ukudala, ukuthabatha inxaxheba kunye nokufaka isandla kubomi benkcubeko.

Ukuphumeza oku, iMvumelwano inika ithuba elilodwa kumazwe ukuba amelane nemingeni esekelwe kwisini oko kusenziwa ngokusabela komgaqo-nkqubo ohlamganisiweyo ofuna amanyathelo olawulo, nweziko. Oku kuquka, umzekelo, ukunyanzela amanyathelo "entlawulo elinganayo kumsebenzi olinganayo" okanye ukuniuka ufikelelo olulinganayo kwinkxaso yobugcisa bokuyila.

**7%** abasetyhini

abanomsebenzi ongaphezulu komnye, kwicandelo lenkcubeko

**10%**

**24%** abasetyhini

bayazisebenza, kwicandelo lenkcubeko

**34%**

Kuphela

**31%**

bamaZiko eNkcubeko eSizwe, okanye amaBhunga akhokelwa ngabasetyhini

*"Kufuneka sidale ihlabathi elo abenzi zigqibo baqonda ukuba abasetyhini, kwiyantlukwano yabo, bafuna ukuzibona bebonakaliswa kwinkcubeko abayisebenzisayo. Kufuneka sidale ihlabathi elo owasetyhini anokufana nendoda ekubeni abe ngumenzi zigqibo. Kufuneka sidale ihlabathi elo ukubukela kulo iibhanyabhanya ezibhalwe ngabasetyhini kwaye zakhokelwa ngabasetyhini kwaye zaveliswa ngabasetyhini iyinto eqheleke ngokupheleleyo".*



*Ngu-Chimamanda Ngozi Adichie*

United Nations
Educational, Scientific and
Cultural Organization

Diversity of
Cultural Expressions

# Ukuphumeza ii-SDG

*Inkcubeko, ubuchule bokuyila kunye nokutsha kubugcisa zisa phambili kwaye zisenza ukuba kube khona uphuhliso. Njengoko isivumelwano sehlabathi ekukuphela kwaso esibophelela amaQela amaZwe ekuhlanganiseni kwenkcubeko kwimigaqo-nkqubo yawo yophuhliso, iNgqungquthela ka-2005 isebenza ngempumelelo ekuphumezeni iiNjongo zoPhuhliso eziziNzileyo (Sustainable Development Goals) (SDGs).*

Ukuphumeza oku, iNgqungquthela itsala iinjongo zayo ezine:

- **INjongo yoku -1** — UKUXHASA IINKQUBO EZIZINZILEYO ZOLAWULO ZENKCUBEKO
- **INjongo yoku-2** — UKUPHUMEZA UKUHAMBA OKUZINZILEYO KWEMPAHLA KUNYE NEENKONZO ZENKCUBEKO KUNYE NOKUNYUSA UKUHAMBA KWAMAGCISA KUNYE NAMAGCISA ENKCUBEKO
- **INjongo yoku-3** — UKUHLANGANISA INKCUBEKO KWIINKQUBO-ZIKHOKELO ZOPHUHLISO EZIZINZILEYO
- **INjongo yoku-4** — UKUKHUTHAZA AMALUNGELO OLUNTU KUNYE NEENKULULEKO EZINGUNDOQO

# Iingcebiso zokuphumeza ii-SDG ngeNkcubeko

4 QUALITY EDUCATION

## Injongo yoku-1

UKUXHASA IINKQUBO EZIZINZILEYO ZOLAWULO ZENKCUBEKO

### Iingcebiso zokuphumeza

Ukudala iinkqubo zoqeqesho zemisebenzi kulutsha olungaphangeliyo ukuze lufumane izakhono kumashishini enkcubeko kunye nawobugcisa bokuyila

Ukunika inkxaso kwiindawo zedijithali, izikhuseli kunye namaqela kwaye baxhobise abantu abatsha kwizakhono zobugcisa

Ukumisela iindawo zokuhlala zamagcisa

5 GENDER EQUALITY

## Injongo yesi-4

UKUKHUTHAZA AMALUNGELO OLUNTU KUNYE NEENKULULEKO EZINGUNDOQO

### Iingcebiso zokuphumeza

Ukufaka indlela yolingano ngokwesini kwizikim ezixhasa ubugcisa boluntu

Ukuseka iinkqubo zobunkokeli kunye nokuba ngumzekelo kwabasetyhini kumashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila

Ukuqokelela idatha eyahlukenisa ngokwesini ukulandelela ulingano kwicandelo lenkcubeko

17 PARTNERSHIPS FOR THE GOALS

## Injongo yesi-2

UKUPHUMEZA UKUHAMBA OKUZINZILEYO KWEMPAHLA KUNYE NEENKONZO ZENKCUBEKO KUNYE NOKUNYUSA UKUHAMBA KWAMAGCISA KUNYE NAMAGCISA ENKCUBEKO

## Injongo yesi-3

UKUHLANGANISA INKCUBEKO KWIINKQUBO-ZIKHOKELO ZOPHUHLISO EZIZINZILEYO

### Iingcebiso zokuphumeza

Ukonyusa inkxaso yenkcubeko kuNcedo lophuhliso olusemThethweni kunye neNkxaso yeHlabathi kwiyaNtlukwano yeNkcubeko

Ukunika inkxaso kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono kumazwe asaphuhlayo ahlanganisa amashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila kwizicwangciso zophuhliso zesizwe

Ukunika inkxaso yobugcisa kumazwe asaphuhlayo ekuyilweni kwenkqubo-sikhokelo yesizwe kwiinkcukacha manani zenkcubeko kunye nokuqeqesha oosonkcukacha manani basekhaya

Ukumisela iinkqubo-zikhokelo zomthetho nezilawulayo ukunyusa ukuthunyelwa ngaphandle kwempahla kunye neenkonzo zenkcubeko

8 DECENT WORK AND ECONOMIC GROWTH

**Injongo yoku-1**
UKUXHASA IINKQUBO EZIZINZILEYO ZOLAWULO ZENKCUBEKO

**Injongo yesi-2**
UKUPHUMEZA UKUHAMBA OKUZINZILEYO KWEMPAHLA KUNYE NEENKONZO ZENKCUBEKO KUNYE NOKUNYUSA UKUHAMBA KWAMAGCISA KUNYE NAMAGCISA ENKCUBEKO

**Injongo yesi-3**
UKUHLANGANISA INKCUBEKO KWIINKQUBO-ZIKHOKELO ZOPHUHLISO EZIZINZILEYO

**Iingcebiso zokuphumeza**

Ukunyusa uNcedo lwezibophelelo kunye nentlawulo zoRhwebo kwicandelo lwnkcubeko ukuSeka izikim zokubekwa emisebenzini kwishishini lenkcubeko kunye nelobugcisa bokuyila kwii-SME, Ukubonelela ngeendlela ezintsha zenkxaso kwimo ezingqonge amashishini enkcubeko kunye nawobugcisa bokuyila

10 REDUCED INEQUALITIES

**Injongo yesi-2**
UKUPHUMEZA UKUHAMBA OKUZINZILEYO KWEMPAHLA KUNYE NEENKONZO ZENKCUBEKO KUNYE NOKUNYUSA UKUHAMBA KWAMAGCISA KUNYE NAMAGCISA ENKCUBEKO

**Iingcebiso zokuphumeza**

Ukunika iikhredithi zerhafu kumashishini enkcubeko akumazwe asaphuhlayo ekungenisweni ngaphakathi kwempahla yenkcubeko

Imali ehlawulewa i-visa esezantsi kumagcisa kunye namagcisa enkcubeko avela kumazwe asaphuhlayo

Ukuseka amaziko eenkcukaca zokuthumela ngaphandle ukuxhasa ufikelelo kwiimarike zehlabathi

16 PEACE, JUSTICE AND STRONG INSTITUTIONS

**Injongo yoku-1**
INKXASO EZINZILEYO IINKQUBO ZOLAWULO LWENKCUBEKO

**Injongo yesi-4**
UKUKHUTHAZA AMALUNGELO OLUNTU KUNYE NEENKULULEKO EZINGUNDOQO

**Iingcebiso zokuphumeza**

Ukuseka iikomishoni ezihlanganyelwe ngurhulumente kunye noluntu ukuyila imigaqo-nkqubo yenkcubeko kunye nokubeka iliso kwiimpembelelo zayo

Ukuseka amaqumrhu azimeleyo ukuze abeke iliso ekugxojweni kwenkululeko yobugcisa/inkululeko yabacholi beendaba

Ukuyila iinkqubo zoqeqesho ukuphuhlisa ubungcali bezomthetho kwinkululeko yobugcisa



# INkululeko yobugcisa ayibobunewunewu

Inkululeko yobugcisa ngumngeni wehlabathi. Iintsongelo kwinkululeko yamalungelo oluntu kunye nobugcisa ziphelisa kwaye zenze buthathaka iyantlukwano yenkcubeko, ngexa zisonakalisa impilo ntle kunye nomgangatho wobomi womntu. Kumagcisa kunye namagcisa enkcubeko, ingakumbi abo baphila kwiimemo ezinempixano, ezo ntsongelo zinokubeka ubomi bawo nokuphila kwawo engozini. Ezi ntsongelo ziqala ekukhetheni okwenziwa ngurhulumente, amaqumrhu okanye ngamaqela ezopolitiko, enkolo okanye angamanye, ukuya ekuvalelweni, iintsongelo zasemzimbeni, kunye nako na ukubulala. Ukusabela, oorhulumente kunye nemibutho ethile, efana ne-International Cities of Refuge Network (ICORN) okanye i-SafeMUSE, iseke iindawo iindawo ezikhuselekileyo zokukhusela amagcisa asengozini.

Imo engqonge idijithali ize neentsongelo ezintsha kananjalo kumalungelo nenkululeko. Phakathi kwazo 'kukuthathwa' kwi-intanethi, apho iintsongelo zinokoyikisa amagccisa ade ayirhoxise imisebenzi yawo. Ucupho olukhulayo lwedijithali kananjalo lunesiphumo esonakalisayo kwinkululeko yobugcisa. IMvumelwano ibeka phambili ukuba 'iyantlukwano kwinkcubeko inokukhuselwa kwaye ikhuthazwe kuphela ukuba amalungelo oluntu kunye neenkululeko ezingundoqo, ezifana nenkululeko yokuzivakalisa, ulwazi nonxibelelwano, ngokunjalo nokukwazi kwabantu ukufikelela kwinkcubeko, ziqinisekisiwe'.

IMvumelwano kunye nemithetho-siseko yayo ekhokelayo inokuvuselela umthetho, imigaqo-nkqubo kunye namanyathelko okukhuthaza nokukhusela inkululeko yobugcisa, eqondwa njenge:

- **Lungelo lokuyika ngaphandle kokonganyelwa okanye ukoyikiswa**
- **Ilungelo lokuba umsebenzi wobugcisa uxhaswe, usasazwe kwaye uhlawulelwe**
- **Ilungelo lenkululeko yokuhamba**
- **Ilungelo lenkululeko yonxulumano**
- **Ilungelo lokhuselo lwamalungelo entlalo kunye nawoqoqosho**
- **Ilungelo lokuthabatha inxaxheba kubomi benkcubeko**

IMvumelwano sisixhobo esingundoqo sokuxhasa ukubeka iliso okunyukayo, inkxaso kunye nokuphakamisa ulwazi. Inkululeko yobugcisa iye ke yaba ngomnye wemimandla yokubeka iliso kwiNgxelo yeHlabathi ye-UNESCO ukuhlola ukuphunyezwa kweMvumelwano. Ukuhlanganisa intsebenziswano – phakathi kweZizwe ezingamaLungu, imibutho yamagcisa yehlabathi, amaziko amalungelo oluntu, iijaji nabatshutshisi – kuyimfuneko ke ukuqinisekisa amanyathelo awoneleyo.

*"Le Mvumelwano ibalulekileyo iqaqambisa ukubaluleka kokondla kunye nokuxhasa inkululeko yokuzivakalisa kunye nofikelelo kwiinkcubeko ezohlukeneyo. Ngumthombo oxabisekileyo kuthi magcisa. Ndinethemba lokubona ukunika ulwazi okukhulu kunye nengxoxo-mpikiswano malunga nokuba kutheni oku kubalulekile kwiindawo zethu."*

***Ngu-Deeyah Khan***



### *U-Deeyah Khan, nguNozakuzaku we-UNESCO weNkoleko kubuGcisa bokuYila neNkululeko yobuGcisa*

*U-Deeyah Khan (wase-Norway) umvelisi odumileyo womculo kunye nemiboniso bhanya-bhanya ebonisa izinto njengoko zinjalo kunye nomxhasi wamalungelo abasetyhini, wonyulwa njengoNozakuzaku woXolo we-UNESCO ukuxhasa kunye nokuphakamisa ukuqondwa kwiMvumelwano, okuqaphelekayo ukukhusela amagcisa kunye nenkululeko yawo yokuzivakalisa.*



# Ukwenza ukuba kube khona iimpembelelo



## Ukuhamba kwamagcisa eBarbados

Ukukhuthaza ukukhutshelwa ngaphandle komculo wasekhaya, i-IFCD ixhase uthabatho nxaxheba lwabaculi baseBarbados abavela kwiMvumelwano yeMisebenzi yoMbutho weSizwe weKhamapsi (National Association of Campus Activities) (NACA) e-United States of America. Iprojekthi yakhokelela kumsebenzi weminyaka emithathu phakathi kwe-Association of Music Entrepreneurs Inc. (AME) kunye ne-NACA kunye nentsebenziswano ukukhuthaza ezinye iimvumi ezintandathu ezongezelelweyo. Siyabulela kwiprojekthi, ezi mvumi ngoku zithumela umculo wazo phesheya.




## Ulutsha • eGuatemala

I-IFCD ixhase amaphulo amancinane kwicandelo lokumanyelwayo nokubonwayo eGuatemala. Ngaphezulu kwe-100 loosomashishini benkcubeko bemveli baqeqeshwa kubugcisa bokuyila bokumanyelwayo nokubonwayo kunye nokuvelisa. 'Ndifumene ulwazi oloneleyo lokubona umsebenzi omanyelwayo nobonwayo njengethuba lomsebenzi wokwenene', utshilo uNikte Hernandez, osebenza kwi-Tamalito Producciones.



## Ukubeka iliso kumgaqo-nkqubo eColombia

EColombia, i-UNESCO isebenze norhulumente ukomeleza intsebenziswano ephakathi kwamasebe kunye nokuhlanganisa abadlali basekuhlaleni, iseka amaqonga engxoxo-mpikiswano yomgaqo-nkqubo. Ezi nzame zikhokelele ekungeniswени kwengxelo yokuqala yethuba ye-Colombia engokuphunyezwa kweMvumelwano Ifake isandla kananjalo kumdla wokwakha ekwamkelweni kwe-'Orange Law' ngoEpreli 2017, ejolise ekuphuhliseni kunye nasekunyuseni amashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila aseColombia.





## Ukuba ngusomashishini • I-Pakistan

Ngenkxaso ye-UNESCO, oosomashishini abanobugcisa bokuyila e-Pakistan bahlanganiswa okokuqala ukuba baxoxe ngeemodeli ezintsha zoshishino kumashishini edijithali obugcisa bokuyila kunye nokunyusa izakhono zabo zothungelwano. Bathetha kananjalo: ufikelelo kwiimali-mboleko nakwizibonelelo zokuqala amashishini; uyilo lwezicwangciso zamashishini; ukuba nokuthunyelwa ngaphandle kwempahla kunye neenkonzo zenkcubeko; uphando nophuhliso, iindlela zentengiso nobuchule; ngokunjalo nokucebsia amagcisa asematsha.



## Izicwangciso zophuhliso oluzinzileyo • Viet Nam

I-UNESCO ixhase ukucebsiana okuthathwe inxaxheba kuko okubandakanya abadlali benkcubeko abakurhulumente kunye nabo bangekho kurhulumente, ekusetyenziswana nabo kwindima nabacholi beendaba, ukuvelisa 'I-Creative Viet Nam – iSicwangciso seNkqubo-sikhokelo yokuKhula, ukuKhuphisana nokuKhetheka'. Esi sicwangciso kwaye mva savuselelwa 'siSicwangciso seSizwe soPhuhliso sase-Vietnam
AmaCandelo eNkcubeko ukuya ku-2020, ngombono ka-2030' ojolise ukwenzeni amacandelo enkcubeko abe ziinxenye ezibalulekileyo kuqoqosho lwesizwe lwase-Viet Nam.



## Ubugcisa bedijithali • eSenegal

I-IFCD ixhase i-Kër Thiossane, i-NGO yaseSenegal egqese kubugcisa bokuyila bokuchola iindaba ezininzi. I-NGO iqhuba iintlanganiso zeengxoxo zoqeqesho kunye neendawo ekuhlala kuzo amagcisa xa esebenza kumagcisa engingqi angaphezulu kwe-150 afunde ukwenza izinto zobugcisa esebenzisa izixhobo zokuchola iindaba ezininzi kunye nokuba kufikelelwa njani na kwiimarike zemisebenzi zaseSenegal kunye nezehlabathi. Ngaphaya kweenzuzo zangoku
kwaba bantu batsha, iprojekthi yavula indlela yokuba iDakar ibe siSisixeko sobuGcisa bokuYila se-UNESCO kubuGcisa bokuCholwa kweeNdaba, kuyenza ukuba ibe yindawo ebalulekileyo yobugcisa bokuyila bedijithali.



## Imeko yegcisa • I-Mauritius

I-UNESCO yabonelela ngenkxaso yobugcisa eMauritius ukuyila umthetho omtsha ukwenza ukuba isimo samagcisa sibe bubuchule. Ngenkqubo yokucebisana ukudibanisa amasebe anoxanduva, amagcisa namaziko, iSebe lezobuGcisa neNkcubeko lakhokela iingxoxo zokuchaza isimo sobugcisa samagcisa, ukuphucula iimeko zokusebenza zoqoqosho nezentlalo kunye nokuqonda indima yabo kuphuhliso oluzinzileyo lwesiqithi



# *INgxowa-mali yeHlabathi yeyaNtlukwano kwiNkcubeko*

INgxowa-mali yeHlabathi yeyaNtlukwano kwiNkcubeko (International Fund for Cultural Diversity) (IFCD) ngumnikeli oyedwa ontlobo-ntlobo, oyingxowa-mali yokuzithandela eyasekwa phantsi kweMvumelwano efaka ukuvela kwamacandelo enkcubeko atshintshayo kumazwe aphuhlayo angamaQela eMvumelwano. Injongo yayo iphelele kukhuthaza uphuhliso oluzinzileyo kunye nokuncitshiswa kobuhlwemnpu oko kusenziwa ngotyalo-mali kubugcisa bokuyila.

Ngamazwe avela kwihlabathi elikumNtla kunye nehlabathi elikuMzantsi esebenza kunye, i-IFCD iye yaba ngumzekelo onamandla entsebenziswano yehlabathi kwaye iziphumo zayo zibonisa ukuba utyalo-mali kubugcisa bokuyila ngeke luveze nje imisebenzi kwaye lonyuse ingeniso kodwa kananjalo lunokufaka isandla ekuphuculeni ufikelelo kwiimarike zengingqi kunye nezommandla.

Ukususela ekusekweni kwayo, i-IFCD ifake isandla kuphuhliso kunye nokuphunyezwa kwemigaqo-nkqubo yenkcubeko, ukuya kuphuhliso lwezakhono koosomashishini benkcubeko, ukukhuliswa kwamashishini enkcubeko kunye nobugcisa bokuyila iimodeli ezintsha zamashishini wenkcubeko.

IMali irhunywa ngamaZwe angamaLungu, e-UNESCO, abanikeli abangabantu abangabodwa kunye necandelo labucala.

-IFCD
ixhase ngaphezulu

**100** kweeprojethi

kwaye yatyala imali ngaphezulu

**US$7** yesigidi

ngaphezulu

**50** yamazwe aphuhlayo

**44%** eeprojekthi ezixhaswe yi-IFCD aseAfrika

**63%** eeprojekthi ezixhaswe yi-IFCD zii-NGO

Ubungqina obuvela eAfrika

*"Ngaphandle kwe-IFCD, umasipala ebengeke akwazi ukuthatha isitokhwe sakhe senkcubeko enokuba khona, kwaye ebengeke axhamle lula kwinkxaso evela kwabanye abanikeli"*

*INdawo yaseYopougon, eCôte d'Ivoire*

*" Uphononongo lweempembeleo oluxhaswe yi-IFCD lwasetyenziswa njengesixhobo senkxaso ukwazisa umthetho omtsha kwiintengo zemisebenzi yobugcisa kwicandelo likarhulumente" ISebe*

*lezeNkcubeko, eBurkina Faso*

*" Indlela yenkcubeko itshintshe ngamandla ngenxa yeprojekthi yethu ye-IFCD. Inkcubeko ayiselilo iqhagamshela elibuthathaka kuphuhliso; inokuba negalelo ngempumelelo kwi-GDP"*

*UMphathiswa wezobuGcisa neNkcubeko, Togo*


## INGXOWA-MALI YEHLABATHI KWIYANTLUKWANO YENKCUBEKO (INTERNATIONAL FUND FOR CULTURAL DIVERSITY) (IFCD)

### NGUBANI ONGAFAKA ISICELO KWI-IFCD

- Iziphathamandla kunye namaziko oluntu, ii-INGO, ii-NGO
- Ii-SME ezivela kwicandelo labucala ezisebenzayo kummandla wenkcubeko

### IMITHETHO YENKXASO

- Iiprojekti zinokuqhuba iinyanga ezili-12 ukuya kwezingama-24
- Ubuninzi besixa sama-US$100,000




### INDLELA YOKUXHASA I-IFCD KHONA IIMPEMBELELO

- Imirhumo yokuzithandela ngamaQela kwiMvumelwano
- Iminikelo licandelo labucala kunye nabantu abangabodwa

### UKWENZA UKUBA KUBE

- Ukuxhobisa ulutsha nabasetyhini koMeleza
- imigaqo-nkqubo yenkcubeko Seka iimodeli
- ezintsha zamashishini Faka amacandelo
- obugcisa bokuyila a
- Nyusa uthabatho nxaxheba loluntu

# Oonobani

Isivumelwano sehlabathi, iMvumelwano isebenza kumxholo wemithetho kunye neenkqubo zeZizwe eziManyeneyo. Onke amazwe ayilungisileyo iMvumelwano kuthiwa 'ngamaQela' kwaye kunye enza 'iNkomfa yamaQela'.

Abameli abangamashumi amabini anesine bayakhethelwa kwiqumrhu lesigqeba ekuthiwa 'yiKomiti ekooRhulumente' ukuba basebenze ithuba leminyaka emine. Bedibene, bamele amaqumrhu alawulayo eMvumelwano. Imibutho yasekuhlaleni yoluntu idlala indima engundoqo kwaye ibumba izigqibo ezithathwa ngamaqumrhu alawulayo kwikamva lomgaqo-nkqubo wenkcubeko kunye nentsebenziswano yehlabathi.

Ngeofisi yayo yooNobhala, i-UNESCO inoxanduva lokumisela kunye nokuphumeza iajenda yehlabathi kumaQela kwiMvumelwano; isazisa izigqibo zayo ngophando nohlalutyo; ibonelela ngenkxaso koorhulumente kunye nee-NGO oko ikwenza nge-IFCD; isebezna kwimisebenzi yangaphandle ukuphuhlisa izakhono nokunika uncedo lwezobugcisa kunye nokufikelela kwabo isebenzisana nabo ukuze ukuhlangabezana nezibophelelo zeMvumelwano. Ngesi sixhobo sitshintshayo i-UNESCO kananjalo ikhokela ingxoxo-pikiswano zehlabathi kwimiba ebalulekileyo kumashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila.

### INkomfa yamaQela

- Iqumrhu leeNgxoxo loorhulumente eliyivumileyo iMvumelwano
- Lenza izigqibo ezingundoqo zolawulo, zokusebenza kunye nezocwangciso
- Likhetha amalungu eKomiti ekuRhulumente
- Livuma iziKhokelo zokuSebenza
- Linawo onke amaQela kwiMvumelwano
- Lidibana qho kwiminyaka emibini

### IKomiti ekuRhulumente

- Iqumrhu elisebenzayo eliphumeza izigqibo zeNkomfa yamaQela
- Yenza izigqibo ngeeprojekthi emazixhaswe yiNgxowa-mali kaZwelonke kwiyaNtlukwano ngokweNkcubeko
- Inabameli bamaQela amaZwe angama-24 kwiMvumelwano (ixesha leofisi leminyaka emi-4)
- Idibana ngonyaka

## IMvumelwano

### IOfisi yoLawulo ye-UNESCO

- Ixhasa ukwenziwa kwezigqibo kwaye iphumeze okuphambili kwamaqumrhu ayo alawulayo
- Ixhasa ukuphunyezwa kweMvumelwano ngophuhliso lwezakhono neenkqubo zoncedo ngobuchwepheshe
- Iqhuba uphando nohlalutyo lomgaqo-nkqubo

### IQumrhu loluNtu ekuHlaleni

- Amaqabane angundoqo aza kuphumeza iinjongo zeMvumelwano kwaye aphumeze ukunikwa kwemvume
- Ukuthabatha inxaxheba ekunikweni kwengxelo kwithuba laqho kwiminyaka emine
- Ukuthabatha inxaxheba ngenkuthalo kwiinkqubo zokwenziwa kwezigqibo zamaqumrhu alawulayo
- Ukuthabatha inxaxheba kuyilo kunye nasekuphunyezweni kwemigaqo-nkqubo yenkcubeko kwinqanaba lelizwe

### IiNdawo zeSizwe zoQhagamshelwano

- *Ezonyulwe ngamaQela ekuvumelaneni ngeMvumelwano*
- *Ukuqokelela kunye nokwabelana ngolwazi olunxulumene neMvumelwano kumasebe abandakanyekayo, iiarhente zikarhulumente kunye nemibutho yoluntu yasekuhlaleni*
- *Ukuququzelela iinkqubo zokunikwa kwengxelo kwithuba laqho kwiminyaka emine*
- *Ukusebenzisana ne-UNESCO ukunyusela i-IFCD ingxowa*



# Uphuhliso lwezakhono ngemfuno

Xa kuziwa kumashishini enkcubeko nobugcisa bokuyila, kukho imfuno ekhulayo yobungcali, imathiriyeli nezixhobo. Njengenxenye yemishini yayo engundoqo, i-UNESCO ibonelal ngophuhliso lwezakhono kunye noncedo lobugcisa kumaZwe angamaLungu ukuxhasa ukungafihli kunye neenkqubo zothabatho nxaxheba ekwenzeni umgaqo-nkqubo.   Injongo engundoqo yenkqubo yophuhliso lwezakhono lweMvumelwano kukwakha amandla abantu kunye naweziko, ukwabelana ngobungcali kunye nokufaka izakhono xa kuphuhliswa imigaqo-nkqubo kunye namanyathelo okukhuthaza iyantlukwano yeenkcubeko.  Yinkqubo ebanzi, yexesha elide efuna intando yezopolitiko kunye nokuzibandakanya kwabo kusetyenziswana nabo lkwaquka ukufunda koontanga oko kusenziwa ngotshintsho lwezenzo ezilungileyo zomgaqo-nkqubo kunye nentsebenziswano esuka kumaZantsi isiya kumaZantsi.

Inkqubo yophuhliso lwezakhono yeMvumelwano yehlabathi ixhasa:

**Uyilo nokuphunyezwa komgaqo-nkqubo**
(ulwazi lwecandelo lenkcubeko, ukubana kumgaqo-nkqubo kunye/okanye ukuqwalasela kwakhona...)

**Ukubeka iliso nokuhlola umgaqo-nkqubo**
(isakhiwo sokukhombisa, ukuqokelelwa kwedatha, ukunika ingxelo kumathuba athile...)

**Uphuhliso lweprojekthi**
(uyilo lweprojekthi, ukuphunyezwa nohlolo...)

Ukufezekisa inkqubo yayo yophuhliso lwezakhono yehlabathi, iOfisi yooNobhala yeMvumelwano isebenze neSibonelelo sayo seeNgcali, iqela lehlabathi leengcali eziphambili, eziphuhlisa izixhobo kunye nemathiriyeli yoqeqesho, ukunika uncedo lobugcisa ok kusenziwa ngokufundisa nangemizekelo. Imeko yegcisa ukuphathwa ngokukhethekileyo

### *ISibonelelo seeNgcali*

*ISibonelelo seeNgcali sasekwa yiOfisi yooNobhala ye-UNESCO  ukuxhasa ukuqinisekiswa kokuphunyezwa kweMvumelwano ukuze kufezekiswe  ungenelelo olukwinqanaba lelizwe oko kusenziwa ngeendlela ezahlukeneyo: uncedo lobugcisa bokucebisa, ungenelelo lophuhliso lwezakhono lwexesha elifutshane kunye nelide, ukukhokela, iingcali ze-coachinMg,oebtcil.itTyhe ziziqhelile izixhobo kunye nemathiriyeli yoqoqosho ye-UNESCO, abayamkela kwimixholo yengingqi.*

### *Zimanye necandelo lokunikela ukuxhasa amandla enkqubo yophuhliso*

I-Denmark

IManyano yaseYurophu

IJamani

I-Norway

I-Republic of Korea

I-Spain

I-Sweden



# Amaqabane enkxaso

Ekupheleni koo-1990, ngexesha lokuba phezulu kweengxoxo-mpikiswano ekubeni imithetho yorhwebo eyandayo ingakunyina njani na ukwenziwa komgaqo-nkqubo kwaye ube neempembelelo ezonakalisayo kumashishini enkcubeko, imibutho engekho phantsi kukarhulumente, amagcisa enkcubeko kunye nawobugcisa bokuyila kunye namagcisa azihlanganisayo ngokwawo. Uluntu ekuhlaleni luhlangene nooRhulumente ekuxhaseni uphuhliso lweMvumelwano. Kunye, besebenzela ngokubhekisele ekwamkelweni kunye nasekuphunyezweni.

Namhlanje uluntu ekuhlaleni ludlala indima ebalulekileyo ekuphunyezweni kweMvumelwano. KwiNqaku le-11, Amaqela 'aqonda indima engundoqo yoluntu ekuhlaleni ekuphumezeni iyantlukwano yenkcubeko' kwaye ayavuma 'ukukhuthaza uthabatho nxaxheba olunempumelelo loluntu ekuhlaleni kwiinzame zabo zokuphumeza iMvumelwano. Imibutho yoluntu ekuhlaleni inikwa indima engundoqo kuyilo lomgaqo-nkqubo kunye neenkqubo zokuphumeza, kwisizwe kunye nakwihlabathi

Uthungelwano lwehlabathi olunooSihlalo be-UNESCO abakhethekileyo kunye namaziko emimandla asekiwe kwaye afaka isandla ekuphunyezweni kweMvumelwano oko kusenziwa ngophuhliso lwezakhono, ukwabelana ngolwazi kunye nophando. Anika uncedo kunye neenkonzo zobugcisa ukwamkela intsebenziswano yommandla kunye neyehlabathi.



# Ngoba kutheni ngoqinisekiso?

Uqinisekiso lweMvumelwano linyathelo elibalulekileyo ngokubhekisele ekuqinisekiseni ukuba onke amazwi ayaviwa kwintshukumi yehlabathi ukukhusela kunye nokukhuthaza iyantlukwano yokuvakalisa inkcubeko. Oorhulumente kufunwa ukuba baguqulele iMvumelwano kumthetho wesizwe. La maQela enza iqumrhu lehlabathi elilodwa elenza izigqibo ezibumba ikamva lokwenza umgaqo-nkqubo wenkcubeko, intsebenziswano yenkcubeko yehlabathi kwaye exhamlisa amagcisa, amagcisa enkcubeko kunye nabemi ngokufanayo.

## UKUXHAMLA KWIMVUMELWANO

**Emva kokuqinisekisa iMvumelwano,**

### Oorhulumente banako:

- Ukumisela iiajenda zehlabathi ukuMisela kwakhona imiGaqo-nkqubo yexa elizayo
- Ukubiza iMvumelwano xa kuthethathethwana ngonyenyiso kwiziqendu zzempahla kunye neenkonzo zenkcubeko kwizivumelwano zorhwebo
- Ukwamkela ngokusemthethweni imigaqo-nkqubo namanyathelo okuxhasa ubugcisa bokuyila, ukuveliswa, ukusasazwa kunye nofikelelo kwimpahla kunye neenkonzo zenkcubeko ezohlukeneyo
- Ukuxhamla kuphuhliso lwezakhono lwe-UNESCO kunye nakwiinkqubo zoncedo lobugcisa

### Amagcisa kunye namagcisa enkcubeko banako:

- Ukuxhamla ekuhambeni okungamandla kunye nofikelelo kwimarike oko kusenziwa ngamanyathelo okuphathwa ngokukhethekileyo
- Imo engqonge umsebenzi apho kukho ukuhlonitshwa kwenkululeko yobugcisa, ukhuselo lwamalungelo oqoqosho kunye nawasekuhlaleni, ulingano ngokwesini kunye neyantlukwano yabacholo beendaba
- Ukuxhasa imigaqo-nkqubo kunye namanyathelo angcono kuxhaswa ukuvakaliswa kwenkcubeko yala maxesha

### Oosomashishini abavela kwicandelo labucala banako:

- Ukuxhamla kwiinkqubo-zikhokelo eziluqilima zeziko kunye nezolawulo kumashishini enkcubeko nawobugcisa bokuyila
- Ukuxhamla kwiinkqubo kunye namanyathelo oncedo axhasa izakhono zokuba ngusomashishini kwinkcubeko kunye namathuba orhwebo
- Ukuxhamla kufikelelo olunyukileyo lwemarike ukuya emazweni kwihlabathi jikelele

### Uluntu ekuhlaleni lunako:

- Ukufaka isandla kwiingxoxo nezigqibo ngekamva lomgaqo-nkqubo wenkcubeko kumanqanaba esizwe nawehlabathi
- Ukungenisa izicelo zenkxaso kwiNgxowa-mali yeHlabathi
- yeyaNtlukwano kwiNkcubeko (International Fund for Cultural Diversity) (IFCD)
- Ukuzuza izakhono kunye nokufaneleka okufunekayo kokuthabatha inxaxheba ekwenziweni komgaqo-nkqubo, ukubeka iliso nokuphumeza
- Ukuthembela kuthungelwano lwehlabathi ukomeleza amanyathelo abo ekhaya

**Ukusuka ekuqinisekiseni ukuya ekukhuthazeni kwamanye amaqumrhu ehlabathi**

*Ngexa iMvumelwano ingathathi indawo yezinye izibophelelo zehlabathi, amaQela azibophelela ekusebenzeni kunye ukukhuthaza iinjongo kunye nemithetho-siseko yale Mvumelwano kwamanye amaqumrhu ehlabathi (Inqaku lama-21). Oku kunokukhokelela kwiindlela zothethathethwano ezintsha kwizivumelwano zorhwebo ezibonakalisa uhlobo olucacileyo lwempahla kunye neenkonzo zenkcubeko.*



# Bandakanyeka!

Ukwenza ukuba isebenze iMvumelwano luxanduva lomntu wonke. Nazi iindlela ezahlukeneyo ongabandakanyela ngazo.

## 1. Qinisekisa iMvumelwano

Hlanganisa abo basepalamente, uthungelwano namaqabane ukuba bazimanye noluntu olulodwa lwehlabathi kwaye babeke inkcubeko kumbindi wophuhliso oluzinzileyo.

## 2. Zimanye neQumrhu loluNtu lasekuHlaleni

Zimanye nemibutho engaphezulu kwe–100 engeyiyo ekarhulumente evunywe njengamalungu eQumrhu loluNtu ekuHlaleni kwaye uthabathe inxaxheba kumsebenzi wamaQumrhu aLawulayo ukuzisa iinkxalabo zabemi kwingqalelo yeziphathamandla zikarhulumente kwinqanaba lehlabathi. Unganceda ukubeka iliso kumgaqo-nkqubo kunye nenkqubo yokuphumeza, ngokunjalo nokufaka isandla kwimpumelelo yokungafihli okukhulu kunye nokuthatha uxanduva kulawulo lwenkcubeko.

## 3. Ukwabelana ngedatha nolwazi

Ukuthabatha inxaxheba ekudlulisweni kolwazi, ukufunda kwizenzo ezilungileyo kwihlabathi jikelele kunye nokuzibandakanya neengxoxo-mpikiswano kumaqonga awohlukeneyo. Izixhobo zokubeka iliso kumgaqo-nkqubo weMvumelwano zinika indyebo eyodwa yemigaqo-nkqubo namanyathelo enkcubeko. Unokufaka kananjalo kwaye wabelane ngazo zonke iintlobo zamaxwebhu, ulwazi kunye nedatha ebalulekileyo ukuphumeza iMvumelwano elizweni lakho.

## 4. Ukunika ubungcali

IOfisi yooNobhala ye-UNESCO izisa rhoqo isimemo sehlabathi sokuvuselela iSiboneleo seeNgcali. Eli qela leengcali ezineziqinisekiso eziphezulu kunye neyantlukwano liphumeza iinkqubo zeMvumelwano kwihlabathi jikelele. Ungangenisa uphando ukuba lupapashwe kuMgaqo-nkqubo weMvumelano kunye noLuhlu loPhando.

## 5. Faka isicelo kwiNgxowa-mali yeHlabathi yeyeNtlukwano kwiNkcubeko (Cultural Diversity) (IFCD)

Yenza iMvumelwano ukuba isebenze. Ukufaka isicelo kwi-IFCD kukunika ithuba elilodwa lokuyila iiprojekthi eziveza okutsha, ukufumana inkxaso kumacandelo karhulumente kunye nawabucala ngenkxaso kunye notyalo-mali kwinkcubeko elizweni lakho. Ungazimanya nothungelwano oluninzi lwamagcisa okuyila kunye nemibutho azuzileyo kwiNgxowa-mali.

## 6. Ququzelela imisebenzi yokunyusa ingxowa ye-IFCD

Ququzelela umsitho, xhasa iprojekthi, bamba ikonsati okanye umboniso ukunyusa ingxowa yamagcisa kunye namagcisa enkcubeko kumazwe asaphuhlayo ngeNgxowa-mali yeHlabathi yeyaNtlukwano kwiNkcubeko.

## 7. Faka isandla ngoku

Yenza umahluko wokungena kwamacandelo obugcisa bokuyila atshintshayo ekuphuhliseni amazwe ngokuxhasa umsebenzi we-UNESCO. IOfisi yooNobhala isebezna noluhlu lwamaqabane kwimiba ebalulekileyo kulungtu lwehlabathi. IZizwe ezingamaLungu, imibutho yehlabathi, iiarhente eziphuhlisayo, icandelo labucala kunye nabantu banika inkxaso yezimali okanye ubungcali ukuphumeza iinjongo zeMvumelwano kwaye bafake isandla kwiiNjongo zoPhuhliso eziZinzileyo ze-UN.

*"Ukuphila inkcubeko nobugcisa lishishini elinemingcipheko emininzi – kodwa ke ngeke bube khona ubugcisa bokuyila okanye ukuveliswa kokutsha kweli hlabathi ngaphandle kokuthatha imingcipheko. Yiloo nto kukho imfuno yokuba icandelo labucala kunye nelikarhulumente benze utyalo-mali olungaphaya kuyilo, ngokunyusa izithembiso zeenkqubo zoqeqesho lwamagcisa. okanye ngokuphucula iinkqubo-zikhokelo zomthetho eziqinisekisa ukuba amagcisa ayaxhamla kwimisebenzi yawo."*



*Ngu-Forest Whitaker*

Ipapshwe ngo-2018
NguMbutho weZizwe eziManyeneyo kwiMfundo, iNzululwazi neNkcubeko
(United Nations Educational, Scientific and Cultural Organization) (UNESCO)
iCandelo leNkcubeko, 7 place de Fontenoy, 75352 Paris 07 SP, France

© UNESCO 2018

Le ncwadi ifumaneka kuFikelelo oluVulelekileyo phantsi kwe-Attribution-ShareAlike 3.0 IGO (CC-BY-SA 3.0 IGO) license (http://creativecommons.org/licenses/by-sa/3.0/igo/). Ngokusebenzisa isiqulatho sale ncwadi, abasebenzisi bamkela ukubotshelelwa yimiqathango ye-UNESCO Open Access Repository (www.unesco.org/open-access/terms-use-ccbysa-en). Eli xabiso lifaka iindleko ngqo zokushicilela kunye nokusasaza. Akukho njongo yenzuzo.

Izikhundla ezifakwe kwaye zathiwa thaca kwimathiriyeli yonke yale ncwadi azivakalisi naluphi na uluvo nokuba lolunjani na kwicala le-UNESCO ngokuphathelene nesimo somthetho salo naliphi na ilizwe, indawo, isixeko okanye ummandla okanye iziphathamandla zalo, okanye ngokuphathelene nocando lwemimandla okanye imida. Izimvo ezivakaliswe kule ncwadi zezo zababhali; ayizoze-UNESCO kwaye azibopheleli uMbutho.

Uyilo lokuzoba noyilo loqweqwe: Corinne Hayworth
Infographics: infographic.ly & Corinne Hayworth
Imiba nemifanekiso ithathwe kwi-Re|Shaping Cultural Policies: Advancing creativity for development (UNESCO, 2017).

Amalungelo omvelisi emifanekiso:
Cover, p. 2, 13, 16, 26 and 28 © Eddy Ilunga Kamuanga, Circuit Board Paintings
p. 4 © Courtesy Aida Muluneh, Ethiopia and David Knut Projects, The Departure, 2016, Ethiopia
p. 7 © Antoine Tempé, Thelma & Louise, from the series [re-]Mixing Hollywood by Antoine Tempé and Omar Victor Diop, 2013, Côte d'Ivoire/France
p. 8 © Creative Commons, license under CC-BY-SA – Kër Thiossane/SlideMedia, 2016, Senegal • Audrey Azoulay: © UNESCO/Christelle Alix, 2018, France p. 10 © Byeong Sam Jeon. Photographed by Heon Han, Republic of Korea
p. 12 © Victor Ehikhamenor, Child of the Sky, 2015, Nigeria • Chimamanda Adichie: © Wani Olatunde
p. 17 © Ebtisam Abdulaziz / The Third Line, Women's Circles, 2010, United Arab Emirates • Deeyah Khan: © Geir Dokken
p. 18 © JR-art.net, courtesy of Agence VU, Action dans la Favela Morro da Providência, Arbre, Lune, Horizontale, Rio de Janeiro, 2008, France
Barbados: © Chiharu Shiota, Accumulation-Searching for the Destination, 2015, photo by Sunhi Mang • Guatemala: © Ed Jansen, Mariska de Groot, Dieter Vandoren – Shadow Puppet, 2013, the Netherlands, Flickr • Colombia: © Leandra Jasa, Fundacion Teatro Argentino de la Plata • Pakistan: © Asim Waqif, Prototype for Control, 2013-2014 • Viet Nam: Ansih Kapoor Sculpture © Andym5855/Flick.com, 2009 • Mauritius: © Ed Jansen, Arne Quinze – Violette Uur, 23-3-12 [close-up], 2012 • Senegal: © International Fund for Cultural Diversity, Kër Thiossane, 2014
p. 20 © Karl Ahnee, 2016, Mauritius
p. 23 © Emanuele Cidonelli, Recreatales, 2017, Burkina Faso p. 24 © nickgentry.com, Opus, 2013, United Kingdom
p. 27 © Creative Commons, license under CC-BY-SA – Gage Skidmore, Wikimedia Commons

